*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*USenzo neLanga*
*(Senzo & the Sun)*
Illustrated by Adrie le roux
Written by Sarah McGregor
Designed by Liam Longland
Edited by Elise Varga
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in Johannesburg
on 25 February 2017.

ISBN: 978-1-77623-054-9

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Ilanga lentsasa lichwechwa ngaphaya kolundi lize likrobe phakathi kwamagqabi, livusa uSenzo.

Umqhagi kaMakhulu uqhwaba amaphiko awo, wolule intamo yawo ukhonye.

**Kuku-ru-kugu–uuu-uuu!**



senzo-and-the-sun_interior.indd 7 2020/08/14 00:30

USenzo uyakwazi naye ukukhonya.

Kuku-ru-kugu–uuu-uuu!

Ungakwazi wena?



senzo-and-the-sun_interior.indd 8 2020/08/14 00:30



Ilanga liqaqambile yaye lifudumele.
USenzo ulungele ukuya esikolweni.
Ubamba isandla sikaMakhulu.

Indlela ixakekile.
Iiteksi zidlula ngesantya zize
zikhalise amaxilongo azo.

**Piiip-piiip! Piiip-piiip!**



senzo-and-the-sun_interior.indd 10 2020/08/14 00:30



USenzo uyakwazi naye ukupipiza.

Piiip-piiip!
Piiip-piiip!

Ungakwazi wena?

Ilanga liphezulu esibhakabhakeni.
Isikolo siphumile yaye abahlobo
bakaSenzo badlala engceni.

Bolula iingalo zabo baze babaleke behlise induli.

**Wiiiiiii! Wiiiiii!**



senzo-and-the-sun_interior.indd 14 2020/08/14 00:30

USenzo uyakwazi naye ukubaleka.

Wiiiiiii! Wiiiiii!

Ungakwazi wena?

senzo-and-the-sun_interior.indd 17 2020/08/14 00:30

Ilanga lisezantsi elundini, isibhakabhaka sigcwele imibalabala.
Usuku olude seluza kuphela yaye nesidlo sangokuhlwa sesigqityiwe.



senzo-and-the-sun_interior.indd 18 2020/08/14 00:30

UMakhulu noMama bahlamba izitya.

Tshiza! Dyumpu! Tshiza! Dyumpu!



senzo-and-the-sun_interior.indd 19 2020/08/14 00:30

USenzo naye uyakwazi ukuhlamba izitya.

**Tshiza! Dyumpu!**

**Tshiza! Dyumpu!**

Ungakwazi wena?

Ilanga lisithela ngaphaya kolundi, lisenza izithunzi ezide.
USenzo uhlambile yaye uhluthi yaye udiniwe.
"Lixesha lokulala," utsho uMama.



Usondeza uSenzo aze ammbambazele.
Uyamthuthuzela.

senzo-and-the-sun_interior.indd 22 2020/08/14 00:30

USenzo uyakwazi naye ukuthuthuzela.

Shhhhhhhhh,
shhhhhhhhh.

Ungakwazi wena?



senzo-and-the-sun_interior.indd 24 2020/08/14 00:30

Ilanga liwenzile umsebenzi walo wosuku ngoku liya kulala.

Lizogquma ngengubo yobumnyama ukuzigcina lifudumele.

**Ilanga liyaphupha.**



senzo-and-the-sun_interior.indd 26 2020/08/14 00:30



USenzo uyakwazi naye ukuphupha.

Ungakwazi wena?

